

INcwadana yoHlolo


IBANGA

1

ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA

IKOTA 3






INcwadana yoHlolo

IBANGA 1 | IKOTA 3

ISIXHOSA

Iziqulatho

ISISHWANKATHELO	1
IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT	2
IKOTA 3 IFOMU YOHLALUTYO	9
IKOTA 3 INKQUBO YOHLOLO	13




IKOTA 3

Isishwankathelo

Le ncwadana iqulethe uvavanyo lokufunda ngotyibiliko kunye nenkqubo yohlolo yeKota 3.

Nceda ukhumbule ukuba iNcwadana yoHlobo lweKota 1 & 2 iqulethe amaphetshana okurekhoda oFVT. Ikwaqulethe imiyalelo yendlela yokuhlalelwa kwezi mvavanyo nendlela yokusebenzisa iziphumo.





IKota 3 IimVavanyo zoFVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.3.A

Ikopi katitshala

45 izandi / 60 imizuzwana

a	e	o	b	m	5
n	L	S	C	d	10
i	u	c	t	H	15
G	V	Y	f	s	20
A	d	W	j	E	25
k	r	I	x	C	30
O	j	w	z	U	35
p	s	l	g	d	40
D	bh	kh	th	ch	45

IBANGA 1 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.3.A

Ikopi yomfundi

a	e	o	b	m
n	L	S	C	d
i	u	c	t	H
G	V	Y	f	s
A	d	W	j	E
k	r	I	x	C
O	j	w	z	U
p	s	l	g	d
D	bh	kh	th	ch

IBANGA 1 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.3.B

Ikopi katitshala

45 amagama / 60 imizuzwana

siso	loba	mama	esi	nina	5
unemela	mamela	ulilolo	uwelile	zulisa	10
edwaleni	uchwayitile	imbombozi	umthwalo	evenkileni	15
wela	vuka	iposi	irula	tata	20
itafile	ingalo	ibhola	chola	zamisa	25
indalo	injongo	ululamile	igobile	uthwele	30
umthi	ilifu	fefa	qabela	vela	35
zama	unana	nika	goba	iholo	40
esitulweni	ingxangxasi	itywina	phakamisa	ibhobhile	45

IBANGA 1 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.3.B

Ikopi yomfundi

siso	loba	mama	esi	nina
unemela	mamela	ulilolo	uwelile	zulisa
edwaleni	uchwayitile	imbombozi	umthwalo	evenkileni
wela	vuka	iposi	irula	tata
itafile	ingalo	ibhola	chola	zamisa
indalo	injongo	ululamile	igobile	uthwele
umthi	ilifu	fefa	qabela	vela
zama	unana	nika	goba	iholo
esitulweni	ingxangxasi	itywina	phakamisa	ibhobhile

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.3.C

Ikopi katitshala

Izicatshulwa zokufunda / 60 & 180 imizuzwana

ULitha ufumana isipho.	3
Ufumana isipho	5
ebengasilindelanga.	6
Utata wakhe umthengele	9
ibhayisekile ngosuku lokuzalwa	12
kwakhe.	13
Uchwayitile kuba uyaqala ukuba	17
nebhayisekile.	18
Unomona akafuni kuyibonisa	21
abazala bakhe.	23
Umama wakhe akafuni abe	27
nebhayisekile kuba unomona.	30

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.3.C

Ikopi yomfundi

ULitha ufumana isipho.
Ufumana isipho ebengasilindelanga.
Utata wakhe umthengele ibhayisekile
ngosuku lokuzalwa kwakhe.
Uchwayitile kuba uyaqala ukuba
nebhayisekile.
Unomona akafuni kuyibonisa abazala
bakhe.
Umama wakhe akafuni abe
nebhayisekile kuba unomona.



U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.3.D

Ikopi katitshala

Imibuzo yengqiqo nokuqonda yomlomo (4)

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

1. Ngubani ofumene isipho?

Impendulo: ULitha ufumene isipho.

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

2. Ufumene isipho santoni?

Impendulo: Ufumene isipho sebhayisekile.

Uhlobo lwemibuzo: Isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo esingqalileyo

3. Ucinga ukuba kutheni enomona uLitha?

Impendulo yomfundi, umzekelo:

Impendulo: Ufuna ukuyonga ibhayisekile yakhe.

Impendulo: Akafuni yophuke.

Impendulo: Uyaqala ukuba nebhayisekile.

Uhlobo lwemibuzo: Hlola uze uvavanye

4. Umama akayithandi le bhayisekile. Ucinga ukuba kutheni?

Impendulo yomfundi, umzekelo:

Impendulo: ULitha akamameli.

Impendulo: ULitha unomona.



IKota 3 Ifomu yohlalutyo

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 1 IKota 3

Ifomu yohlalutyo

Izandi 1.3.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
a		
e		
o		
b		
m		
n		
L		
S		
C		
d		
i		
u		
c		
t		
H		
G		
V		
Y		
f		
s		
A		
d		
W		
j		
E		
k		
r		
l		
x		
C		
O		

IBANGA 1 | IKOTA 3 IFOMU YOHLALUTYO

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa IBanga 1 IKota 3 Ifomu yohlalutyo		
Izandi 1.3.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
j		
w		
z		
U		
p		
s		
l		
g		
d		
D		
bh		
kh		
th		
ch		

IBANGA 1 | IKOTA 3 IFOMU YOHLALUTYO

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa IBanga 1 IKota 3 Ifomu yohlalutyo		
Amagama 1.3.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
siso		
loba		
mama		
esi		
nina		
unemela		
mamela		
ulilolo		
uwelile		
zulisa		
edwaleni		
uchwayitile		
imbombozi		
umthwalo		
evenkileni		
wela		
vuka		
iposi		
irula		
tata		
itafile		
ingalo		
ibhola		
chola		
zamisa		
indalo		
injongo		
ululamile		
igobile		
uthwele		
umthi		
ilifu		
fefa		
qabela		

IBANGA 1 | IKOTA 3 IFOMU YOHLALUTYO

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa IBanga 1 IKota 3 Ifomu yohlalutyo		
Amagama 1.3.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
vela		
zama		
unana		
nika		
goba		
iholo		
esitulweni		
ingxangxasi		
itywina		
phakamisa		
ibhobhile		



INkqubo yoHlolo

IBANGA 1 IKOTA 3

I-ATP ehlaziyiweyo ibonelela ngovavanyo olusekwe esikolweni kwikota nganye. Ngokubhekiselele koku, ezi zakhono zilandelayo kunye neengcamango kufuneka zivavanywe kwiKota 3:

ICANDELO	UMSEBENZI
 Ukuphulaphula nokuthetha	Uphulaphula iinkcukacha emabalini. Uphendula imibuzo evulekileyo.
 Izandi	Uyababona oonombini bamaqabane namaqabane ahlanganisiweyo egameni.
 Ukufunda nengqiqo nokuqonda	Ufunda incwadi ngokuvakalayo kumgangatho wakhe. Usebenzisa amagama asetyenziswa rhoqo, izandi nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lomxholo nolwakhiwo. Uyaziqaphela xa efunda, kuzo zombini ezi ndawo, ukuqonda igama kunye nengqiqo nokuqonda. Uyabona unobangela nesiphumo ebalini. Uphendula imibuzo ekwinqanaba eliphezulu esekwe kwisicatshulwa esifundiweyo (umz. "ucinga...? Kwakutheni ukuze...?")
 Ukubhala ngesandla	Uqala ze agqibezele oonobumba abancinci ngokuchanekileyo ngokobungakanani nendawo. Uqala ze agqibezele endaweni echanekileyo ngokuzenzekelayo.
 Ukubhala	Ubhala izivakalisi ezi2 zeendaba zakhe, ngendlela echanekileyo yokwakha isivakalisi.

IMIZEKELO YEMISEBENZI YOHLLOLO

- Le misebenzi yohlolo iyilelwe ukuba yinxalenye yenkqubo yeNHLRP.
- Apho kufanelekileyo, iimvavanyo zoFVT lweNHLRP zibandakanyiwe njengenxalenye yenkqubo yohlolo.
- Le misebenzi yohlolo ingasetyenziswa njengoko injalo okanye ilungiselwe ukulungela iimfuno zesithili.



Ukuphulaphula nokuthetha

Uphulaphula iinkcukacha emabalini.

Uphendula imibuzo evulekileyo.

Umsebenzi

- Yenza oku kwiveki 5 okanye 6 ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.
- Biza abafundi ngabanye beze kwidesika yakho.
- Buza umfundi ngamnye le mibuzo ilandelayo ngeBali kwiNgqokelela yamaBali iVeki 4: Isuphu yamatye kamakhulu
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubriki elandelayo.

Ukukhumbula iinkcukacha

1. Wagalela ntoni emanzini umakhulu?
Impendulo: Umakhulu wagalela amatye emanzini.
2. Chaza iindidi zibe mbini zemifuno ezagalelwa ngabantu esuphini.
Impendulo: Naziphi na ezimbini: iitapile, iminqathe, amatswele.
3. Yeyiphi inyama eyagalelwa esuphini?
Impendulo: Kwagalelwa inyama yenkuku esuphini.
4. Ngubani owacula ingoma emva kwesidlo?
Impendulo: UAyanda wacula ingoma emva kwesidlo.

Okulandelayo, buza umfundi le mibuzo ivulekileyo ilandelayo:

1. Ucinga ukuba kutheni isuphu yayinencasa? Ingaba kwakungenxa yamatye?
Impendulo yomfundi. Umzekelo:
Ndicinga ukuba yayinencasa ngenxa yazo zonke ezinye izithako ezagalelwa ngabantu.
2. Ucinga ukuba yayingalunganga into eyenziwa ngumakhulu yokuqhatha abantu belali? Ngoba okanye hayi ngoba?
Impendulo yomfundi. Umzekelo:
Ndicinga ukuba yayingalunganga - umakhulu ngewayecele wonke umntu eze nomrholiso wesuphu.
Andicingi ukuba yayingalunganga - umakhulu wenza abantu basebenzisana ukwenza isidlo esimangalisayo bengalwanga.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukukhumbula iinkcukacha	Umfundi unika impendulo enye echanekileyo.	Umfundi unika iimpindulo ezimbini ezichanekileyo.	Umfundi unika iimpindulo ezintathu ezichanekileyo.	Umfundi unika iimpindulo ezi4 ezichanekileyo.
Imibuzo evulekileyo	Umfundi utsala nzima ukuphendula umbuzo omnye ovulekileyo, naxa exhaswa ngutitshala.	Umfundi uphendula yomibini imibuzo evulekileyo ngenkxaso ebonakalayo evela kutitshala.	Umfundi uphendula yomibini imibuzo evulekileyo ngenkxaso ethile evela kutitshala.	Umfundi uphendula yomibini imibuzo evulekileyo ngokuzimeleyo nangoku- chanekileyo.



Izandi

Uyababona oonombini bamaqabane egameni.

Umsebenzi

- Yenza oku ukuphela kwekota.
- Biza abafundi ngabanye beze kwidesika yakho.
- Bacele bafunde la magama alandelayo:

dw	jw
kw	tr
bh	ch
kh	th

- Sebenzisa le theyibhile yoguqulo ingezantsi ukuguqulela kwinqanaba.

Inani lamagama afundwe ngokuchanekileyo	INQANABA
1-2	1
3-4	2
5-6	3
7-8	4



Ukufunda

Ufunda incwadi ngokuvakalayo kumgangatho wakhe.

Usebenzisa amagama asetyenziswa rhoqo, izandi nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lomxholo nolwakhiwo.

Uyaziqaphela xa efunda, kuzo zombini ezi ndawo, ukuqonda igama kunye nengqiqo nokuqonda.

Umsebenzi

- Yenza oku ukuphela kwekota.
- Sebenzisa uvavanyo loFVT lweNHLRP: 1.3.C

Ukuphunyezwa

- Biza abafundi ngabanye ngabanye ukugqibezela uvavanyo loFVT, ngokwemiyalelo.
- Bhala iziphumo zomfundi zoFVT kwiphepha lokurekhoda.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IBANGA 1 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Izakhono zokudikhowuda	Amanqaku omfundi oFVT angaphantsi kakhulu kwimiGaqo kaZwelonke yokuFunda eMiselweyo.	Amanqaku omfundi oFVT angaphantsi kancini kwimiGaqo yokuFunda kaZwelonke eMiselweyo.	Amanqaku omfundi oFVT afikelele kwimiGaqo yokuFunda kaZwelonke eMiselweyo.	Amanqaku omfundi adlulile kwimiGaqo yokuFunda kaZwelonke eMiselweyo.
Ukuziqaphela izakhono zokufunda	Umfundi akakwazi ukuqaphela ukufunda kwakhe.	Umfundi umana enqumama afunde kwakhona igama okanye isivakalisi esenzela ukuzilungisa okanye ukuzuza ukuqonda.	Umfundi unqumama rhoqo afunde kwakhona igama okanye isivakalisi esenzela ukuzilungisa okanye ukuzuza ukuqonda.	Umfundi ufunda ngokutyibilika. Apho atsala nzima khona, uyaziqonda aze azilungise kwangoko.



Ingqiqo nokuqonda

Uyambona unobangela nesiphumo ebalini.

Uphendula imibuzo ekwinqanaba eliphezulu esekwe kwisicatshulwa esifundiweyo (umz.

“ucinga...? Kwakutheni ukuze...?”

Umsebenzi 1

- Yenxa oku kwiveki 4 ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.
- Biza abafundi ngabanye beze kwidesika yakho.
- Buza umfundi ngamnye le mibuzo ilandelayo ngeBali leNgqokelela yamaBali leVeki 3: Iballi likamakhulu wam

Unobangela nesiphumo:

1. Kwakutheni ukuze umakhulu afundise uLungi ukwenza iimbiza zodongwe?
Impendulo: Kuba uLungi wathi ufuna ukwenza iimbiza zodongwe, njengomakhulu wakhe.
2. Kwakutheni ukuze umakhulu angayifumani imbiza awaqala wayenza, ngosuku olusemva kokuba eyenzile?
Impendulo: Kuba wayibeka elangeni efuna yome, kodwa yana imvula, lwaza udongwe lwanyibilika lwemka namanzi.

Imibuzo ekwinqanaba eliphezulu (ukuzithathela izigqibo):

1. Ucinga ukuba umakhulu wayeyititshala engcono? Ngoba okanye hayi ngoba?
Impendulo: Impendulo yomfundi, kufuneka ixhaswe.
Umzekelo:
Ndicinga ukuba umakhulu wayeyititshala engcono kuba wayenomonde kuLungi.
Andicingi ukuba umakhulu wayeyititshala engcono kuba waxelela uLungi ukuba azishiye

IBANGA 1 | INKQUBO YOHLOLO

phandle iimbiza ngelixa imvula yayiza kuna.

- Ucinga ukuba kutheni umakhulu engazange ayenze intombi yakhe ifunde ukwenza iimbiza zodongwe?

Impendulo: Impendulo yomfundi, kufuneka ixhaswe.

Umzekelo:

Ndicinga ukuba umakhulu wayebona ukuba intombi yakhe ayinamdla wokwenza iimbiza.

Ndicinga ukuba umakhulu wayefuna intombi yakhe ibe yimvumi nomdanisi ongcono, ngoko ke waziyeke iimbiza.

- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Unobangela nesiphumo	Umfundi utsala nzima ukuphendula imibuzo, naxa exhaswa ngutitshala.	Umfundi uyakwazi ukuphendula umbuzo ube mnye ngenkxaso katitshala.	Umfundi uphendula ngokuchanekileyo umbuzo ube mnye ngokuzimeleyo.	Umfundi uphendula ngokuchanekileyo yomibini imibuzo ngokuzimeleyo.
Imibuzo ekwinqanaba eliphezulu (ukuzithathela izigqibo)	Umfundi utsala nzima ukuthatha isigqibo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, nkqu nangenkxaso.	Umfundi uthatha isigqibo esifanelekileyo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, ngenkxaso.	Umfundi uthatha isigqibo esifanelekileyo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, ngaphandle kwenkxaso.	Umfundi uthatha isigqibo esilungileyo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, ngaphandle kwenkxaso.



Ukubhala ngesandla

Uqala ze agqibezele endaweni echanekileyo ngokuzenzekelayo.

Uqala ze agqibezele oonobumba abancinci ngokuchanekileyo ngokobungakanani nendawo.

Umsebenzi

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lezifundo zokuBhala ngesandla.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ngexesha lezifundo, hambahamba ujonga izakhono zabafundi zokubhala ngesandla.
- Xa kuza kuphela ikota, jonga iincwadi zabafundi ujonge inkqubela yabo yokubhala ngesandla.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IBANGA 1 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukwakhiwa konobumba omncinci	Uninzi loonobumba abancinci bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Abanye oonobumba abancinci bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Oonobumba abancinci bakhiwe ngokuchanekileyo kodwa ucoceko lufuna ukunikwa ingqalelo.	Oonobumba abancinci bakhiwe ngokuchanekileyo nangoku-cocekileyo.
Iindawo zokuqala necala oya kulo	Umfundi utsala nzima amaxesha amaninzi ukukhumbula indlela echanekileyo yokuqala kunye necala aya kulo.	Ngamanye amaxesha, umfundi utsala nzima ukukhumbula iindawo ezichanekileyo zokuqala necala aya kulo.	Umfundi uyazazi iindawo ezichanekileyo zokuqala necala aya kulo, kodwa usoloko esenza impazamo.	Umfundi uyazazi kwaye uzisebenzisa ngokuchanekileyo iindawo zokuqala necala aya kulo.



Ukubhala

Ubhala izivakalisi ezi2 zeendaba zakhe, ngendlela echanekileyo yokwakha isivakalisi.

Umsebenzi

- Yenza oku ngexesha lesiFundo sokuBhala kwiiVeki 5, 6 okanye 7.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ekupheleni kwesifundo sangoLwesihlanu, qokelela iincwadi zabafundi zohlolo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubhrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ubude	Umfundi utsala nzima ukugqibezela isivakalisi esinye.	Umfundi ugqibezela isivakalisi esinye.	Umfundi ugqibezela izivakalisi ezimbini.	Umfundi ugqibezela izivakalisi ezingaphezu kwesibini.
Ukwakhiwa kwezivakalisi	Ukulanda-ndelelana kwamagama akuchanekanga kwaye kukho amagama angekhoyo.	Ukulanda-ndelelana kwamagama akuchanekanga okanye kukho amagama angekhoyo.	Izivakalisi zilula kodwa zakhiwe ngokuchanekileyo.	Izivakalisi zinika umdla kwaye zakhiwe ngokuchanekileyo.



NHLRP | National Home Language Reading Programme “